# UNIVERSITY OF FORT HARE

EDX 222

## DEGREE EXAMINATION

## NOVEMBER 2018

………………………………………………………………………………………

Time: 3 Hours

Subject: ISIXHOSA METHODOLOGY Marks: 100

| This paper consists of 3 pages including this page |
|---|


**Internal Examiners**
**Mrs C.N. Mnqumevu**

**Second Examiner**
**Miss N.M. Mdledle**


IMIYALELO

i. Phendula YONKE imibuzo.
ii. Sebenzisa iinombolo zemibuzo njengoko zibhaliwe ephepheni lemibuzo.
iii. Bhala ngokucocekileyo.
iv. Cwangcisa umsebenzi neempendulo zakho kakuhle.

Umbuzo wokuqala

(a)Nika izizathu ezihlanu zokokuba abafundi baxhotyiswe ngesakhono sokubhala. Sebenzisa imizekelo ukuphuhlisa nokutyebisa isizathu ngasinye osinikileyo. (15)

(b)Abafundi bakho bebanga lesibhozo ufuna babe nobuchule bokubhala isincoko esibalisayo. Chaza amacebiso amathathu onokubanika wona ukuze baphumelele ekucwangciseni lo msebenzi. (6)

**[21]**

Umbuzo wesibini

(a)Uceba ukuqulathisa abafundi bakho bebaga lethoba ngobuchule bokubhala umhlathi ngendlela echanekileyo. Bhala umhlathi ongumzekelo oza kuthi ufundise ngawo. (10)

(b)Wucazulule umhlathi ngokuthi:

i. ucacise ukuba isivakalisi ngasinye osisebenzisileyo siwa koluphi udidi lwesivakalisi. Kwenze oku ngokuthi isivakalisi ngasinye somhlathi wakho ongentla usinike inombolo, ukuze impendulo yakho uyinike ngolu hlobo lulandelayo:

| **Inombolo yesivakalisi** | **Udidi lwesivakalisi** |
|---|---|
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |

(8)

ii. Bhala amagama/ amabinzana/ izaci/ izangotshe/ amaqhalo amathathu owasebenzise ngenjongo yokuba nabo bafunde ukunonga eyabo imihlathi. (3)

iii. Nika intsingiselo yamagama/ amabinzana/ izaci/ izangotshe/ amaqhalo amathathu owakhankanye ngentla. (6)

**[27]**

Umbuzo wesithathu

Cebela abafundi bebanga lesixhenxe isifundo esiphuhlisa isakhono sokubhala inqaku lephepha-ndaba. Kwimpendulo yakho landela le miba ilandelayo:

i. Igama le-yunithi (2)

ii. Isihloko sesifundo (1)

iii. Isiphumo sesifundo (3)

iv. Ubungakanani bexesha eliza kuthathwa ekufundiseni isifundo (1)

v. Intshayelelo (6)

vi. Ubuthumbu/ umxholo wesifundo (10)

vii. Irubriki oza kuyisebenzisa ekuhloleni umsebenzi wabafundi. (15)

**[38]**

**Umbuzo wesine**

(a) Bhala isihloko se-yunithi ongatshila ngaso ekufundiseni nasekucebeni imisebenzi ephuhlisa isakhono sokubhala. (2)

(b) Uqamele ngesihloko seyunithi osichongileyo kumbuzo ongentla u (4a), cebela abafundi bebanga lesithoba umsebenzi ophuhlisa ubuchule bokubhala. Ceba umsebenzi ubemnye wesifundo ngasinye wezi zifundo zidweliswe ngezantsi.

i. Isincoko esichazayo

ii. Isimemo

iii. Ukubhalwa kwe-ajenda nemizuzu

(3x4) (12)

**[14]**

..............................AMANQAKU EWONKE [100]..........................